## Inkqubo yokuhlola

Inkqubo yokuhlola yenzelwa ukucazulula imisebenzi yokuhlolwa esesikweni kwizifundo zonke ezenziwa esikolweni ngekota.

### Isishwankathelo seemfuno

Le theyibhile iqulethe isishwankathelo seemfuno zenkqubo yokuhlola kwikota nganye kuLwimi Lwasekhaya.

Itheyibhile 1: Isishwankathelo seemfuno zenkqubo yokuhlola Ibanga 10-11

<table>
<tr><th colspan="4">Inkqubo yokuhlola</th></tr>
<tr><td colspan="4">Imisebenzi ngokweKota</td></tr>
<tr><td>IKota 1:<br>1 Uvavanyo<br>(Ukusetyenziswa kolwimi ngokusemxholweni)<br>+<br>3 Imisebenzi</td><td>IKota 2:<br>2 Imisebenzi<br>+<br>1 Uvavanyo<br>(Uncwadi)</td><td>IKota 3:<br>1 I-Asayinmenti yoncwadi / iprojekthi<br>+<br>1 Umsebenzi</td><td>IKota 4:<br>1 Iimviwo zangaphakathi zokuphela konyaka zimi ngolu hlobo:<br>3:amaphepha<br>IPhepha 1 –Ukusetyenziswa kolwimi ngokusemxholweni<br><br>IPhepha 2 – Uncwadi<br>IPhepha 3 – Ukubhala<br>+<br>IPhepha 4: i-Orali</td></tr>
<tr><td colspan="4">Amanqaku ekota (IiKota 1-3):<br>• Kwikota nganye, dibanisa amanqaku onyaka uwaguqulele kwi% yamanqaku eKota.<br>.Amanqaku okuphumelela:<br>• Dibanisa amanqaku ewonke ukusuka kwiKota 1 ukuya kwikota 3, aguqulelwe kuma-60% (SBA),<br>• Guqula iPhepha 1 liye kwi- 9,3%,<br>• Guqula iPhepha 2 liye kwi- 10,7%,<br>• Guqula iPhepha 3 liye kwi- 13,3%,<br>• Dibanisa onke amanqaku emisebenzi ye-Orali yonyaka aguqulelwe kwi- 6,7% (iPhepha 4: imisebenzi: 1, 3. 6. 9).<br>Ubunzima: 60% (Imisebenzi yesikolo yokuhlola (SBA): Imisebenzi 2, 4, 5, 7, 8): 40% (Uviwo lokuphela konyaka: Amaphepha 1-4: Umsebenzi 10)</td></tr>
</table>

Inkqubo yokuhlola Ibanga 10-11

**Inkqubo Yokuhlola**

**IKota 1**

| Umsebenzi 1 | Umsebenzi 2 | Umsebenzi 3 | Umsebenzi 4 |
|---|---|---|---|
| *I-Orali:<br>Ukuphulaphulela Ukuqonda<br>(15 amanqaku) | Ukubhala: (25 amanqaku)<br>Imihlathi:<br>Ileta yobuhlobo/ esesikweni (isicelo/ isikhalazo/ isicelo/ ushishino) /<br>iileta ezingekho sesikweni nezisesikweni eziya kumhleli/ / isivi neleta eyikhaphayo/<br>I-obhitshwari/ i-ajenda nemizuzu yentlanganiso/<br>Ingxelo esesikweni nengekho sesikweni/ irivyu/ inqaku lephephandaba/ inqaku lemagazini/ intetho/ ingxoxo/ udliwanondlebe/ i-imeyile | *I-Orali:<br>Intetho engalungiselelwanga<br>(15 amanqaku) | **Uvavanyo 1: (35 amanqaku)<br>Ukusetyenziswa kolwimi ngokusemxholweni<br>isishwankathelo<br>Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi |

**IKota 2**

| Umsebenzi 5 | Umsebenzi 6 | Umsebenzi 7 |
|---|---|---|
| Ukubhala: (50 amanqaku)<br>Isincoko esibalisayo/ esichazayo/ esixoxayo<br>(Ibanga. 10)<br>Isincoko esicamngcayo/ esivelela amacala omabini/ esixoxayo<br>(Gr. 11) | *I-Orali:<br>Ukufunda ngokukhwaza okungalungiselelwanga/ intetho elungiselelweyo (10 amanqaku) | Uvavanyo 2:<br>Uncwadi : (35 amanqaku)<br>Imibongo:<br>1 umbongo ofundisiweyo –isincoko sombongo (10)<br>1 umbongo ongafundiswanga (10)<br>INoveli okanye Uncwadi Lwemveli /idrama:<br>Imibuzo emifutshane (15) |

**IKota 3**

| Umsebenzi 8 | Umsebenzi 9 |
|---|---|
| Uncwadi: (35 amanqaku)<br>I-Asaynmenti/ iprojekthi | *I-Orali: (10 amanqaku)<br>Intetho elungiselelweyo |

**IKota 4**

| Umsebenzi 10 |
|---|
| Uvavanyo lokuphela konyaka: (300 amanqaku)<br>IPhepha 1 – Ukusetyenziswa kolwimi ngokusemxholweni (70 amanqaku) – 2 iiyure<br>IPhepha 2 – Uncwadi (80 amanqaku) – 2,5 iiyure<br>IPhepha 3 – Ukubhala (100 amanqaku) – 3 iiyure<br>IPhepha 4 – I-Orali (50 amanqaku) |

*I-Orali: Yohlolo olusesikweni: Abafundi mabenze umsebenzi wokuphulaphulela ukuqonda ubemnye (Umsebenzi- 1), Intetho engalungiselelwanga ibenye
(Umsebenzi -3), kunye neentetho ezimbini ezilungiselelweyo OKANYE intetho elungiselelweyo ibenye kunye nokufunda ngokukhwaza okungalungiselewanga kube kunye (Umsebenzi- 6 kunye nomsebenzi- 9)

**Uvavanyo- 1 malube namanqaku angama- 35  kungenjalo ukubangaba angaphezulu, maluguqulelwe kumanqaku angama- 35 . Kucetyiswa ootitshala ukuba kusetwe- Isicatshulwa, isishwankathelo,imigaqo yokusetyenziswa kolwimi zisetwe. Oottshala bayacelwa ukuba bawudibanise wonke lo msebenzi (inkqubo yovavanyo, ixesha elabiweyo njalo njalo) lesikolo..

Uvavanyo kwiNkqubo yokuHlola malungenziwa lube ziziqendu ezincinane zovavanyo. Uvavanyo ngalunye malube nomlinganiselo owaneleyo womxholo, lusetelwe ukubhalwa kwimizuzu engama 45-60 kwaye luveze amazinga okuqonda awohlukeneyo ngohlobo ekusetwa ngalo kumaphepha eemviwo.